**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B, NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo onyanzelekileyo

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KWICANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwiNoveli/Uncwadi Lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.

   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
   Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.



Hosted by www.ecexams.co.za.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo**: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. *Amanqaku* | Umbuzo omde | 10 | 6 |
| | | | |
| 2. *Mhela mfondini* | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| | | | |
| 3. *Ingqina ezingela imiphefumlo* | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| | | | |
| 4. *Isiqithi seentini* | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.** | | | |
| 5. Tywala Ungumlahlekisi | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| | | | |
| 7. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| | | | |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| | | | |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| | | | |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| | | | |
| 11. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |
| | | | |
| 12. *Ubuncwane boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 20 |
| | | | |
| 13. *Ubuncwane boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 20 |



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: IDRAMA

**Phendula umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 23 |
| | | | |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |
| | | | |
| 16. *Indlal'Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 27 |
| | | | |
| 17. *Indlal'Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 27 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO **B** no **C,** qiniseka ukuba uphendule umbuzo **OMNYE OSISINCOKO** nombuzo **omNYE OMFUTSHANE**.
Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

### ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Sebenzisa le tshekhlisti ukuqinisekisa ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B INoveli **OKANYE** Noncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| C IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 14–17 | 1 | |



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO A: ISIHOBE

## *IMIHOBE YESIXHOSA* – B NGOMBANE

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**AMANQAKU – ZS QANGULE**

**Ulwazi** lufukame **ubudenge**,
**Ubudenge** yitrone **yobulumko**.
**Inyembezi** ngumthombo **wenkathalo**,
**Inkathalo** ihlanjwa **ziinyembezi**.
Intiyo iphuphuma luthando,
Uthando liyeza lentiyo.
Ukhula lutshaba lwesivuno,
Isivuno sondliwa lukhula.
**Ukholo** lulwandle **lweenkolo**,
**Iinkolo** sisifingo **seentolo**.
**Impilo** yambethe **ukufa**,
**Ukufa** yileli **yobomi**.
Ukuba oku uyakwamkela,
Ilizwe ngoko lokwamkela.

Phicotha okuqulathwe sisigama esiphawulwe ngqindilili ukutyhila umxholo walo mbongo. Impendulo yombuzo ngamagama ali-190–240. **[10]**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuwo.

**MHELA MFONDINI – GV MONA**

Mhela mfondini,
Ndiphuthum'elam'ikhohlombe.
Ngokwesethu isithethe,
Inkwenkwe iyazihlanganisela.
Mhela mfondini,
Ndilande ezakowethu,
Kwelakowethu **ukuzuma** lityala.
Khawuthob'iqulo mfondini,
Zaphukil'ezam iintonga.
Mhela mfondini!

Naxa ndiphuza umhlaba,
Ndothi mhela kwakhona
Kuba ngeseth'isithethe,
Ewileyo ayibhuqwa.
Naxa ndigevezel'amadolo,
Ulwimi luyinkabankaba
Ndothi ndimele kanjaqo
Kuba le ndeko inemigaqo,
Mhela mfondini!

2.1 Xela isixhobo sesandi esifumaneka kumagama aphawulwe ngomgca ngaphantsi, nenjongo yokusetyenziswa kwaso. (2)

2.2 Tolika igama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-7 ngokusemxholweni. (1)

2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:
**Naxa ndiphuza umhlaba**

A Ukusela amanzi anomhlaba
B Ukuncamisa umhlaba
C Ukuwa phantsi usoyisakala
D Ukubambelela phantsi (1)

2.4 Zoba umfanekiso ntelekelelo ophuhliswa ngumqolo we-16. (2)

2.5 Thelekisa ezi zitanza zibini zalo mbongo, utyhile umahluko ngokomongo wesitanza ngasinye. (2)

2.6 Nika injongo yombhali kulo mbongo. (2)
**[10]**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuso.

**INGQINA EZINGELA IMIPHEFUMLO – JJR JOLOBE**

"Ulindel'ukuba ndinyuke kuwe na, ndlelandini,
Ndikubona nje ukuba **ungumnqantsa**?"
"Ikwayiloo ndlela eyahanjwa nayiNkosi,
Ngoko kufanelekile uyihambe."

"Lo mnqamlezo unzim'ungab'uza kuthwalwa ndim na?"
Koda kube nini undihleli nzima?"
"Loo mnqamlez'owalindela kwaneNkosi yakho,
Usahleli ulindele wena lowo."

"Iziphango nezaqhwithi zakufika futhi,
Ndothini na ukuba ndibe ndisahamba?"
"Elaa litha elakhanyisel'iNkosi yakho,
Khona ngoku ke liyakukhanyisela."

3.1 Xela isixhobo sesandi esifumaneka kumagama aphawulwe ngomgca ngaphantsi, nenjongo yokusetyenziswa kwaso. (2)

3.2 Zoba umfanekiso ntelekelelo ophuhliswa ngumqolo wesi-2. (1)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

Ingqina ekuthethwa ngalo kulo mbongo lithetha.

A Ukuxhasa into ethethwa ngumntu
B Iqela labantu abayokuzingela
C Ukucacisa into kangangoko
D Umntu obizela abanye abantu enkonzweni (1)

3.4 Tolika umqolo wesi-3 ngokusemxholweni. (2)

3.5 Thelekisa istanza soku-1 nesesi-3, utyhile umahluko ngokomongo wesitanza ngasinye. (2)

3.6 Nika injongo yombhali kulo mbongo. (2)
**[10]**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuso.

**ISIQITHI SEENTINI – T.N. MAKABANYE**

<u>Isiqithi</u> esiQithini seeNtini!
<u>Isiqithi</u> esimid' iphelel' elwandle
Sisiqith' esithen' esingumsinandozele?
Sisiqith' esithen' esaziwa kangaka?
Nditsho nothathatha wezol' uyasazi.
Lizothe kwabaNtsundu' eMzantsi Afrika

Ndulo sadalwa ngenjong' entle,
Njengendawo zonke saba likhaya,
Kwiintini zolwandle zaphumla khona.
Oonwele ziyephuyephu ziphetshethwa ngumoya
Beza neenjongo eziphuthileyo eKoloni.
EzaseNtshon' izaphuselane zade zaphukaneka.

Zathi isiqithi silungel' abaneqhenqe,
Balahlwe khona de bawohlozeke,
Mva kwalandelisw' abalahlekwa ziingqondo.
Bazenzel' indumanga yab' esiqithini.

4.1 Xela isixhobo sesandi esifumaneka kumagama aphawulwe ngomgca ngaphantsi, nenjongo yokusetyenziswa kwaso. (2)

4.2 Zoba umfanekiso ntelekelelo ophuhliswa ngumqolo wesi-5. (1)

4.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

Sisiqith' esithen'esingumsinandozele? (Umqolo wesi-3)

A Sisiqithi esozelisa abantu
B Sisiqithi esikruqulayo
C Sisiqithi esiyokozelayo
D Sisiqithi esizolisayo (1)

4.4 Tolika umqolo we-10 ngokusemxholweni. (2)

4.5 Thelekisa istanza soku-1 nesesi-3, utyhile umahluko ngokomongo wesitanza ngasinye. (2)

4.6 Nika injongo yombhali kulo mbongo. (2)
**[10]**

**KUNYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE

### UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuso.

**TYWALA UNGUMLAHLEKISI – MV MABUSELA**

Nyikinyi nyam'enempethu,
Sabhongo sezimba nediliya,
Tyathang'elingqingqisholo,
Mbopheleli woluntu, khula lengqondo.
Dyokhw'erhabaxa kaSathana, khaya lesihogo,
Yez'elintubulul'elinevumba likaKufa,
Nozala wezidumbu namangcwaba.
Khozo lesihum'elatyalwa ngumntu,
Suka kwazal'izihange neenkedama,
Kwabusadusadu kwalawul'intiyo-
Tywala wena ungumlahlekisi.

Ngub'erhabax'eyambathwa zizibhoxi,
Zizihange,oontswela-thando namaxoki.
Nozala weengxwelerha namatshijolo;
Ndlel'enguhol'esing'esihogweni.
Uthob'unxan'ud'uthobe nembeko;
Uphepheth'iintloni nesimilo njalo.
Mfaz'onombizan'othandwa zonk'iindawo;
Ncumo luziisabile, ntsini izizililo.
Xhego lakudal'elimabel'afedefede,
Elilahlekis'isizukulwan'esiphilayo-
Tywala wen'ungumlahlekisi.

5.1 Chonga umqolo othetha ukuba buyaphela ubukrelekrele ngenxa yotywala umntu angakwazi ukucinga kakuhle, kwistanza soku-1. (1)

5.2 Xela umfanekiso ngqondweni esiwufumana kumqolo woku-1 kwaye unika mfanekiso ntelekelelo mni? (2)

5.3 Sifana njani istanza soku-1 nesesi-2 ngokwesakhiwo sangaphandle? (1)

5.4 Nika intsingiselo yemiqolo ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

5.5 Unjani umoya wembongi kwistanza sesi-2? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.6 Xela imfundiso oyifumene kulo mbongo. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO B: INOVELI/ UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli olufundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA**:
- Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
- Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/KuNcwadi Lwemveli), KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6/8/10/12 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7/9/11/13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### INKAWU IDLIW'ILILA – S KULA

Igorha aliwi kuphele endleleni koko lisebenzisa amandla alo lide liqabele ngaphaya kwemiqobo evale indlela yalo.

Ngqina la mazwi ngomlinganiswa onguMapheza, uqamele kwimigudu ayenzileyo ukususa imiqobo esendleleni yakhe yokumela umthetho de aqabele ngaphaya kwayo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

**INKAWU IDLIW'ILILA – S KULA**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

"Uncedile ukhawulez'ufike, mntu wabantu! Pakisha zonke iimpahla zakho ndikugoduse!" utsho engamjonganga erhabula ekomityini yekofu uMsindisi.

"Hayi bo! Ndigxothelwani maCirha?"
"Ndifuna ukuba uyokuhluza kakuhle ingqondo yakho uhleli nomama wakho. Ndifuna ukhethe phakathi komtshato owazifaka kuwo kunye nokutshuntuza apha esithubeni <u>okwethokazi lehagu</u> elihamba livatshula. Ndigqibile," watsho engcangcazela ngumsindo uMsindisi. Akazange akwazi ukukhanyela uThantaswa kuba wahliwa entloko ngento angayicingelanga. Wayecinga yena ukuba uza kubuzwa ukuba uvela phi na.

Wathi ukuze aqonde uThantaswa ukuba indoda yakhe ayidlali phuca, wayibona imthathela isitshixo semoto yakhe, emva koko yambeka ngaphambili ukuya kumfaka kweyayo. Kwakuthule cwaka endleleni, neenyembezi awayemana ukuzisula uThantaswa zingamchukumisi nakancinci umyeni wakhe.

Wabekwa kowabo esangweni eshiywa nomyalelo wokuba angazidubi ngokufowuna ukuba akakasiqwebi isimilo esitsha. Wangena nje endlwini wazijula phezu kwesofa wakhala. "Yintoni ngoku? Wath'ungena nje walila?" wabuza echopha phambi kwakhe uNonkanyiso owayecinga sel'ifikile imini yokugxothwa kukaThantaswa emzini wakhe ngenxa yesithembu. Wathi cwaka akaphendula uThantaswa.

Elila nje uThantaswa wayecinga ukuba kuphelile ngaye kwaYangaphi, kwaye ithuba lokugxothwa kwakhe ulivule ngokwakhe. Kaloku kuyo yonke into, wayengazimiselanga kuzimkela emzini wakhe emva kokuba eve ngesithembu esicetywa yindoda yakhe.

7.1 Xela isenzo esingunobangela wokugxothwa kukaThantaswa kwesi sicatshulwa. (2)

7.2 Tyhila intsingiselo yesifaniso esikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wesi sicatshulwa. (2)

7.3 Khankanya izinto uThantaswa ayalelwe ukuba akhethe kuzo nguMsindisi. (1)

7.4 Phawula ngegalelo likaNonkanyiso emtshatweni wentombi yakhe. (2)

7.5 Chaza isiganeko sokuqala esidudulele lo mtshato ukuba ube kweli nqanaba lincindi ikrakra. (2)

7.6 Ngqina ukuba udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa lolwangaphandle. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

7.7 Ngokolwazi lwakho lwale Noveli ucinga ukuba zeziphi iinjongo anazo uThantaswa ngalo mtshato? (2)

**ISICATSHULWA B**

"Ndiphantse ukufa luhlaza mna Dlangamandla," watsho uMapheza emchubela ngako konke okwathi kwenzeka kuye ukubuya kwabo emngcwabeni eDutywa. Wambalisela nangala glasi yakhe yotywala yayinomgubo omhlotshana apha ngaphandle. Wothukela ngaphakathi uNqoza akuyiva loo ndawo, wabe selebuza elahla umkhondo.

"<u>Kodwa uziva njani ngoku wena Msuthu?" wambuza uNqoza emjonge kalusizi</u>.
"Hayi, ukufa sele ndikwahlulile wena okokoko ndingazange ndife ngala mhla ndalaliswa apha," watsho uMapheza.
"Ziindaba ezimnandi ezo Khetshe. Ndothuka ndaphantsa ukubhubha mhla ndeva ukuba ulaliswe kwicandelo labagula kakhulu. Ndanqandwa ngabantu sendisiza apha ngaloo mini, bathi mandilindele ukukhululwa kwakho kwelo candelo. Yiyo loo nto undibona ndilapha nje namhlanje."

"Ndiyabulela Tola xa ndikubona phambi kwam, kuyacaca ukuba uyazikhathaza kakhulu ngobomi babanye abantu," watsho uMapheza echukumiseka nyhani kukuvelelwa ngumntu asebenza naye.
**Ejengile luvelwano**, uNqoza wamcebisa ngamayeza, nawayekholelwa kakhulu kakade kuwo uMfezeko. Ngulo kaloku wayengxoliswa rhoqo ngumama wakhe, ephethe ithumbu lokucima esiya kutshona kwindlwana yangasese okanye kuthi kusisa abe sezalise ibhakethe ngeyeza lokugabha.

"Khawutsho ke Msuthu, uyakuphuma nini apha kuba kukho indawo endinqwenela ukukusa kuyo? Le nto ngoku seyifanele abantu abamnyama kuba lidliso eli walityayo. Abelungu ke abakwazi ukulikhupha, yiyo loo nto liquqa libuyelela nje emntwini de limbulale.

7.8 Xela ukuba kwenzekeni uMapheza walapha. (2)

7.9 Ngqina ukuba uNqoza yingcuka eyambethe ufele lwegusha. Khokelwa ngamazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

7.10 Nika isafobe esifumaneka kwinkcaza ebhalwe ngqindilili uze uxele ukuba sicacisa ntoni ngoNqoza kwesi sicatshulwa. (2)

7.11 Cacisa ezona nzame azenzileyo uMapheza ezidale ukuba agaxeleke kule meko. (2)

7.12 Khankanya udidi lwenkolo phantsi kwemontlalo yoluntu oluvezwa sesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.13 Siganeko sini esenzeke emva kwesi sicatshulwa? (2)
**[25]**


Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

Igorha aliwi kuphele endleleni koko lisebenzisa amandla alo lide liqabele ngaphaya kwemiqobo evale indlela yalo.

Ngqina la mazwi ngomlinganiswa onguMangaliso uqamele kwimigudu ayenzileyo ukususa imiqobo esendleleni yakhe de aphumelele.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

### NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

"*Nkosi ukuba ndingaphuncula kula makhamandela ndizibone ndingosindileyo inkulu into endingakwenzela yona, igama lakho ndingalibonga njalo*."

Bathe xa balushiyayo ucingo lwelokishi kwabonakala ukufa kumkhweba ezantsi bunje ngamanzi echibi. Kanye xa balushiyayo ucingo kwathi gqi umqokozo wamapolisa ngomgaqo oza ngelinye icala ukhweza ucingo olo ukhwele iibhayisekile, suka zee dungu ezi zihange zabaleka zimshiya ngemva ebotshwe izandla ngezo ntambo. Afike abuza amapolisa kungaba kwehleni na, afika umfo exwebe elithwebetshu, ubuso buyiloo nto kukudumba ziimpama namanqindi. Amkhulula ezo ntambo zazisezandleni. Athe ukuba amkhulule wadanduluka ngelizwi elikhulu esithi, "Umkhulu Thixo!" Suka wagibiseleka phantsi waya kuwa. Akazanga azi ukuba kwathini na emva koko, nto ayikhumbulayo kukuqabuka kwakhe esesikhululweni samapolisa engazi ukuba waya njani na apho. Wabuzwa ngamapolisa walichaza lonke ibali lakhe ngolo rhatya.

Akuba ebuyele ezingqondweni amkhapha amapolisa amsa apho ahlala khona. Abuzanga buhle ubuthongo ngobo busuku ecinga ngento ephantse ukumhlela ephatha kuthandaza embulela uThixo ngokumsindisa kwakhe sel'ekuvelele ukufa, ekhumbula isibhambathiso asenzileyo noThixo kumthandazo abe wenza esemakhamandeleni.

9.1 Xela isenzo sesithethi samazwi abhalwe bukekela esingunobangela wale meko akuyo. (2)

9.2 Tyhila intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wesi sicatshulwa. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

9.3 Ingaba wakhetha yiphi indlela uThole ngokwesibhambathiso sakhe akuba esindile? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.4 Phawula ngegalelo likaThemba noSonwabo ebomini bukaThole. (2)

9.5 Chaza isiganeko esandulela oku nesidudulele ubomi bukaThole bube kule meko akuyo. (2)

9.6 Ngqina ukuba udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa lolwangaphakathi. (2)

9.7 Njongo ni anayo uThole ngesibhambathiso asenzileyo? (2)

**ISICATSHULWA D**

"Nicinga ntoni ngeGeorge Goch madoda?" wamana ebuza esitsho usihlalo weSinodi. Aqubuda amadoda. Ndithetha mna neengwevu zabefundisi kwakungekho yayinqwenela ukunga ingathunyelwa eGeorge Goch. Wayibukela le nto uMangaliso, wakhumbula amazwi eentokazi awakha waziva zincokola kuloliwe kudala engekabinguye nomfundisi, zincokola ngeentlobo zotywala ezisilwa kule lokishi, izikhwikhwikhwi, iziqeda-veki, oontaba zosizi, waqonda bafanele abefundisi ukuyoyika, le ndawo. Kuthe kolo cwaka equbudile amadoda wabonakala ephakama uMangaliso esithi, "Nyulani mna ndiye eGeorge Goch."

Wathi ukuba atsho sabonakala sisothuka sonke isifundisi simjonga.

"Kodwa mfundisi uyayazi le George Goch kuthethwa ngayo?" wabuza owayesesihlalweni.

"Akuyi lubuyayo mfo wam, kukwazembe leyela nomphini." Yatsho enye ingwevu yomfundisi esidlangalaleni."

Into yokuzinikela kukaMangaliso ukuba athunyelwe eGeorge Goch yathanda ukuvusa ingxoxo enkulu kubefundisi, uninzi luyichasa mpela phantsi kwezizathu ezithi **indawo enje ngeGeorge Goch ayifuni mfundisi usemncinci unokuthi ahendeke lula ziziyolo zelizwe, ifuna umfundisi osel'eqinile**. Ngaphezulu akungelungi ukuba umfundisi obaluleke njengoMangaliso nofunde kangako athunyelwe kwindawo ephantsi ngolo hlobo, engekabinayo nendlu yecawa, noko icawa yaseWesile ingathelwa nqa uluntu lonke luphela ngesenzo esinjalo.

9.8 Cacisa ngale nto ivakala iyingxaki kule Sinodi yabefundisi. (2)

9.9 Chaza lo mxholwana wale noveli utyhilwa yintetho ebhalwe ngqindilili. (2)

9.10 Ingaba weyela akabuya naye uMangaliso kule George Goch akuba engumfundisi khona? Xhasa impendulo yakho. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

9.11 Senzo sini esibonakalisa ukungakhathaleli nkonzo kubantu baseGeorge Goch? (1)

9.12 Cacisa eyona nzame kwintetho yakhe uMangaliso eyabangela ukuba bamvumele aye eGeorge Goch. (2)

9.13 Cacisa ngolona didi lwenkolo phantsi kwentlalo yoluntu oluvezwa sesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE**

Igorha aliwi kuphele endleleni koko lisebenzisa amandla alo lide liqabele ngaphaya kwemiqobo evale indlela yalo.

Ngqina la mazwi ngomlinganiswa onguMfazwe uqamele kwimigudu ayenzileyo ukususa imiqobo esendleleni yakhe yokulwela inkululeko yomntu omnyama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N SAULE**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

"Ooqhimngqoshe abafuneki apha!" Amehlo akhe ayethe ntsho kum engathandabuzi umntu abhekisa kuye. Yaduma ngoko nangoko indlu, zayimvula izithuko ukuza kum.Ndeva ngombokro wenqindi emqolo, mpaku impama ebusweni, ndaphala phalwa ndityhalwa ukududulelwa phandle. Kukho ababefuna ukundingqula phantsi kodwa ndaxhathisa ndatyhudisela ngasemnyango. Yaba bubudidi nobungxashingxashi, amanqindi ephambana phezu kwentloko yam. Umfanekiso endaphuma apho uthe thaa okwethongo engqondweni yam ngokaFriday egwejelisa ingalo yakhe kuNokuzola emsondeza kuye akugqiba ukufunza.

Ndigxadazelele ngaphandle ibubuxhishixhishi, ndilekuzwa ndilingiswa ngamanqindi, iimpama zibhabha emoyeni zingade zindifumane. Ndabaleka ndaya kudlula kula mapolisa ayesesangweni sele ongezelekile ngoku. Impi eyayindileqa ingabantu endibaziyo abaxube neentwana zesikolo sam, sekukho nokhe wandifumana entsuleni ngembokotho, yajika ngobungxamo yakubona isixeko, ndada ndaya kuphumela ngaphaya kwaso kweli cala lingasempuma, kula mangcwaba madala, ndidane ndiyinko.

Ndahlala phantsi phezu kwedlaka ndajonga isixeko esi, usathe thaa umfanekiso kaNokuzola egonwe nguFriday. Ndiyakubona ukumpakaniswa nokuxushwa ndixhatshazwa ngabantu abangazi nto, eyona nto yandixhelayo nguZo ezingalweni ezinuka umzondo zikaFriday. Ndathatha isiganeko ngasinye kuthando lwam noNokuzola, ndizama ukufumana ukuba umhlwa onguFriday waqala nini ukonakalisa. Yandiqhuba yona ingqondo, ithi iseBhakubha ibe iseLatakisa.

11.1 Xela unobangela wokugxothwa kwesithethi kule ntlanganiso. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

11.2 Tyhila intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wesi sicatshulwa. (2)

11.3 Ingaba wakhetha ukuhamba okanye wahlala kule ntlanganiso uMfazwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.4 Phawula ifuthe lobukho bukaFriday kuthando lukaMfazwe noNokuzola. (2)

11.5 Chaza isiganeko esidala ukuba uMfazwe abe kule meko akuyo. (2)

11.6 Ngqina ukuba udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicatshulwa lolwangaphandle. (2)

11.7 Njongoni anayo uMfazwe ebangela ukuba eze kule ntlanganiso angafunwa kuyo? (2)

**ISICATSHULWA F**

> **"Yile nto kanye besiyithetha, yintlola le, impimpi."** Utsho umfo omkhulu ebonisa abanye isiqhuma esingumbhumbutho wemali, nabo bengenelela ngezithuko nangezinyeliso. Mna lalindiyile, ndiqonda mhlophe ukuba andinakuze ndibenabo ubuchule bokubaqinisekisa ukuba asimali yabumpimpi leyo. Ingqina laloo nto izokuvela kumazwi enkokeli xa ilumkisa uwabo.
>
> "Loo mali ivuza igazi labantwana babantu, lingakudyobhi mfondini. Nika uJudas imali yakhe azokufa nayo." Ngokungathi seledyojwe kade ligazi lo mfo, wayithi khatha epokothweni yam engxamile, wabuya umva kancinci. Kangangendlela endandisele ndizinikele ngayo ekufeni, andizange ndibe nalo novalo olu ngeli xesha lale nquleqhu. Ndema zole, ndaba bungxabalaza ngesandla sasekhohlo ndimana ukuphulula impumlo le, ngeli xa esasekunene sijinga apha ecaleni kwam.
>
> Ndambona ngendlela le axhathise ngayo ukuma phambi kwam ukuba uza kuphosa isihlangu okanye inqindi. Kwathi kanti ndichanile, ndabona inqindi ukusuka kwalo ngathi yigutsi ithwele amalahle. Ndayithi cebu intloko yam, lagqitha ngomfuthokazi, watsho wanxanxatheka umninilo, wathi xa aza kugileka kum, ndathi jaju phaya, ndeva ndityhalwa ngasemva ndaya kuwa phezu kwakhe xa athi uzama ukuqingqa. Bhodlo, saya kukhahleleka phantsi indim ngaphezulu. Ndivuke ngoko nangoko ndabhekabheka. Iqale kwangoko enye impi athelela, yavuma laa ngoma yokuthelekisa sekuqhwatywa izandla.

11.8 Cacisa ngale yokuba uMfazwe azibone sele ebizwa ngoJudas. (2)

11.9 Chaza lo mxholwana ukule noveli utyhilwa yintetho kaMfazwe ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

11.10 Ingaba wayeyimpimpi ngenene uMfazwe njengoko isitsho intetho ephawulwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

11.11 Senzo sini esibonakalisa ubuqhawe awasenzayo uMfazwe ukusindisa ubomi bukaSikhotsholo? (2)

11.12 Cacisa ngeyona nzame ayenzileyo uMfazwe akuzibona ukuba uyaxhatshazwa ngokubethwa. (2)

11.13 Khankanya udidi lwenkolo phantsi kwemontlalo yoluntu oluvezwa sesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA NABANYE

Igorha aliwi kuphele endleleni koko lisebenzisa amandla alo liqabele ngaphaya kwemiqobo evale indlela yalo.

Ngqina la mazwi ngomlinganiswa onguGxuluwe kwintsomi ethi, "UGxuluwe nabathwa" kunye noSteve Biko kwisibongo esithi, "Enkosi Steve Biko" uqamele kwimigudu abayenzileyo ukususa imiqobo esendleleni yabo ukulwa utshaba nokulwela inkululeko.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

### *UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA G

**UQEBEYI NENGONYAMA**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudaladala kwababakho ikhoboka elinguQebeyi elalihluphekile. Ngezo mini ubomi bamakhoboka babunzima kakhulu. Kwakunzima nokuba afumane ukutya okwaneleyo kwaye ukuba awasebenzanga ngokuxolisayo nangokwanelisayo ayethunyelwa kwamanye amazwe, apho ayefika aphoswe kwiingonyama ukuba ziwaqwenge.

Ngaminazana ithile uQebeyi wafumana ithuba lokuqhwesha. Akuba efikelele kwesi sigqibo akazange aphozise maseko wabaleka, wabaleka wada wabe udiniwe. Uthe akufika ngasehlathini wazimela esenzela ukuphumla ade afumane amandla okuphinda abaleke. Esazama ukulala uve ngomgqumo wengonyama usitsho kufutshane naye. Wayexakiwe ukuba le yinto azakuyithini ukuba athi ebalekile ebukhobokeni kanti uzakuphinda aqwengwe yingonyama. Akuqonda ukuba le ngonyama ayigqunyiswa kukuba ifuna ukudla yena kodwa yayigqunyiswa kukuba yenzakele apha elunyaweni, wazincama waya kuyo ngenjongo yokuyinceda. Wafumana ukuba ihlatywe ngameva yaye yayisopha.

UQebeyi wayihlangula, wayosula wayibopha ngamagqabi esenzela ukuba yome. Ukubonakalisa umbulelo, ingonyama yamkhotha yamlalisa ecaleni kwayo. Kwakusa ingonyama yavuka ngentseni yahamba noQebeyi waqhubeleka nolwakhe uhambo.



Hosted by www.ecexams.co.za.

Minazana ithile uQebeyi efikele kuloo ndawo wayesiya kuyo waye akaphatheka kakuhle kuba waxelelwa ukuba makalwe neengonyama. Yakuphuma ingonyama isiza ngakuye wagqiba ukuba ngaloo mini ungofileyo. Wawavala amehlo kuba wayengafuni ukuwubona loo mbono wokuqwengwa kwakhe. Esavale amehlo akhe njalo weva ulwimi olurhabaxa lumkhotha apha ebusweni. Tyhini! Kwathi kanti yila ngonyama wayekhe wayinceda. Ababebukele bamqhwabela izandla uQebeyi xa kwakubonakala ukuba izinto azihambanga njengoko bebecinga. Umntu owayephethe esi sizwe wayebalekele kuso, wamyalela ukuba uQebeyi axelele abanye ukuba wayihlangula njani le ngonyama. Kwagqitywa ukuba akhululwe uQebeyi kwaye le ngonyama ihambe naye. Wazigcina iinzipho zengonyama zicocekile nayo icocekile ngelo xesha yona ingonyama ngokulala naye imgcina efudumele.

13.1 Xela iindlela eziMBINI ezibonisa ubunzima kubomi bekhoboka. (2)

13.2 Chaza umsebenzi wophindaphindo oluphawulwe ngqindilili, xa ubalisa. (2)

13.3 Cacisa ukuba lwaba yimbuyekezo njani uncedo lukaQebeyi kwingonyama. (3)

13.4 Nika iindidi eziMBINI zabalinganiswa abafumaneka kule ntsomi. (2)

13.5 Ngqina le ntetho ilandelayo ngokomxholo wale ntsomi:

Isandla sihlamba esinye. (2)

13.6 Umbalisi umzobe uQebeyi wangumlinganiswa onjani? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.7 Chaza imfundiso oyifumene kule ntsomi. (2)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha Tyhila iphepha

Hosted by www.ecexams.co.za.

**ISICATSHULWA H**

**UVUKANI MADODA KUSILE! – ESIBUNTSOMIRHA**

“Ndikhumbul’eNxuba,”
Watsh’uvukani madoda kusile?
Wathi makuthengw’eyekak’ibhlukhwe;
Yatsh’intekhonya ngamava,
Yatsh’ixel’isifingo sokusa.
Itsho kamnand’emini,
Ewe x’ixel’imin’emaqanda;
Yatsho kalusizi ngorhatya,
Kwathwa kwelakowethu zezombethe.

Nkunz’edla kamnandi yedla neemazi,
Nkunz’eyaziwayo yaziwa ngamathole.
Yaqhwaya madod’izihlamba emgqubeni,
Yancedis’ukufun’isitshixo emfungumfungwini.

“Tyhini! Tyhini le kwedini,
Yaz-yaz’ukub’uzenz’umntu.”
Yatsh’intenkul’isongela,
Isongel’igatyan’elincokoli’eny’intokazi.

Wubon’uzigwagwisa kwiintokazi,
Wubon’usakh’amaxhaka,
Wubon’udlisela ngobungangamsha,
Gqi indun’enkulu usapho luyashiywa.

13.8 Xela uphawu lube lunye olubonakalisa ukuba sisibongo esi. (1)

13.9 Nika amaxesha amathathu okhonya ngawo lo mqhagi ukuchaza ixesha. (3)

13.10 Chaza esona safobe sisetyenziswe kakhulu kwesi sibongo. Xhasa impendulo yakho. (2)

13.11 Nika intsingiselo yomqolo ophawulwe ngomgca ngaphantsi. (2)

13.12 Ithini imfundiso yesi sibongo? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

Kungenxa kabani na ukuba kude kube nje?

Phendula lo mbuzo ngokutyhila umlinganiswa ongunobangela wesiphumo sokubanjwa kukaGugulethu de agwetywe intambo. Gxila ngakumbi kwizenzo zakhe ezikhokelele ekubanjweni kukaGugulethu.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**



Hosted by www.ecexams.co.za.

**UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE**

**BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| UMCUNUKELWA: | Kodwa ke Jola ungade ube uyakwenza konke okwenzayo, intlungu ondibeke kuyo yengenako ukubaliswa, ngowakha wayiva yedwa onokuba nawo amazwi okuyichaza. Ibhongo ebendinalo ngawe Nomampondomise ibilelikhulu; bendisithi nokuba ndihleli nawe ndibone umfanekiso wekamva lethu sihleli sobabini singoonozala. **Kodwa namhlanje! Kodwa namhlanje.** Kodwa akukho nto ntomb'asemzini, umntu uphoxwa ngulowo ebemthembile kakade. Kuzezi mini nje ndiyabungqina ubunyani bawo amazwi omfo wasemaXhoseni athi, "<u>Ibhongo lingaba likhulu umbombo uyaqhosha.</u>" Nokuba ke wena usenza oku nje sewubona inkalo oza kuqabela kuyo, andazi. Kodwa ke mna uzitsho zaludaka zonke iindlela zam, kwamnyama ngaphezu kwayo nentsunguzi yobusuku. Andazi apho ndoqabela khona, ndingayiboni emandihambe ngayo indlela. Kodwa nawe maze ulumkele ukuthi kanti wofumana esam, kuba ntombi kaLangeni esitya esinye naso sotyiwa ngomso. Maze ulumkele ukuthi kanti uzilahlela imbo yakho ngophoyiyana. |
| UNOMAMPONDOMISE: | Uyandishwabulela na ngoku? |
| UMCUNUKELWA: | Andikhange ndibe ndiyakushwabulela nakancinci. |
| UNOMAMPONDOMISE: | Into ekunayo wenzani xa ungashwabuliyo? |
| UMCUNUKELWA: | Into ekunayo ndizama ukwaneka intlungu yam kuwe. |
| UNOMAMPONDOMISE: | Ungade ube uyakuthetha konke okuthethayo, ukujika khona andingeze ndajika kule nto ndiyithethileyo. Ndithi thatha imfene yakho ubuyise ityathanga lam. |

15.1 Xela le ntlungu abekwe kuyo uMcunukelwa nguNomaMpondomise. (1)

15.2 Phawula ngala mazwi abhalwe ngqindilili. (2)

15.3 Tyhila intsingiselo yeqhalo elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wesicatshulwa. (2)

15.4 Bonisa ngezizathu ezibini izinto ezibangela ukuba uNomaMpondomise athathe esi sigqibo asibizele uMcunukelwa. (2)



Hosted by www.ecexams.co.za.

15.5 Ngqina ukuba le ntetho ingezantsi luphawu loPHUPHELO kweli bali, "Kodwa nawe maze ulumkele ukuthi kanti wofumana esam, kuba ntombi kaLangeni esitya esinye naso sotyiwa ngomso." (2)

15.6 Chaza ukuba likweliphi inqanaba ibali ngokwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UTHOBEKA: | Guqani bantwana bam sithandaze."Thixo odume ngonaphakade, wena umthanda umoni njengelungisa. Nasi bawo isicakazana sizibeka phambi kwakho ngale njikalanga, sikwenkulu imbandezelo nentlupheko. Ndithi Nkosi yiba nam xa ndikule nzima, ndiziyaleza kuwe njengoko seletshilo umculi wathi, "Bakutshutshiswa ngemililo uba nabo wena, nasemarhamncweni Thixo bagciniwe nguwe." Ndithi ke Nkosi yiba nam. Nkosi andifanele ukuba ndingathetha nawe ndide ndigqithise kuba ndiyiloo ntwanazana inyhukunyhuku zizinto zeli hlabathi; izinto ezingathi zinencasa okwencindi yobusi kanti ekuhambeni kwexesha zithi zikrakre okwencindi yekhala. Sendisithi ke Nkosi kwinto yonke oyenzayo maze ugcine umphefumlo wam, ugcine abantwana bam ndingabashiyi bezinkedama. Fikelela ke nalapho ndingafikelelanga khona, egameni walowo wasifelayo uYesu Kristu iNkosi yethu. Amen. |
| UBALENI: | Nkqo! Nkqo! Nkqo! |
| UTHOBEKA: | Ngaphakathi |
| UBALENI: | Kwakhona Bhelekazi (*Uphethe isitya sigqunyiwe*) |
| UTHOBEKA: | Bhota bhuti. |
| UBALENI: | Senilala na emin'apha? |
| UTHOBEKA: | Sizama ukwenjenjalo bhuti, kaloku imizimba idiniwe idutywe nguloliwe. |
| UBALENI: | Uphi uRadebe? |
| UTHOBEKA: | Usaphumile bhuti. |
| UBALENI: | Kudala emkile? |
| UTHOBEKA: | Noko sekumzuzu. |
| UBALENI: | Angaba uye ebhayaskophu bethu? |
| UTHOBEKA: | Asazi. |
| UBALENI: | Angathini uGugulethu ukuthi efikelwe ziindwendwe aye ebhayaskophu? Bese nikhe natya kodwa? |
| UTHOBEKA: | Hayi bhuti. |
| UBALENI: | Khanibambe nibe nisitya oku. |
| UTHOBEKA: | Ndiyabulela bhuti. (*Xa kulalwayo uyafika uGugulethu*) |
| UGUGULETHU: | Hina Thobeka! |
| UTHOBEKA: | Bhuti. |
| UGUGULETHU: | Ude wathi uya phi na ntombi yaseMaBheleni? |
| UTHOBEKA: | Bhuti Gugulethu khawundiyeke ngale mibuzo. Uze undibuze kusasa ndakukuphendula, ndisadiniwe ngoku ndifuna ukulala. Le mibuzo yakho iya kundenza ndingalali buthongo buhlayo. |



Hosted by www.ecexams.co.za.

15.7 Cacisa ukuba yiyiphi le mbandezelo nentlupheko athetha ngayo uThobeka kwesi sicatshulwa. (1)

15.8 Khankanya izinto EZIMBINI ngokwakwisicatshulwa ezintama ukuba akamkelekanga uThobeka kule ndawo andwendwele kuyo. (2)

15.9 Nika intsingiselo yala mazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

15.10 Ngqina ukuba uzobo olusetyenziswe ngumbhali kwesi sicatshulwa ngomlinganiswa onguThobeka LUMAYANA. (1)

15.11 Sizathu sini esibangela ukuba uThobeka athethe amazwi athi, “Nkosi kwinto yonke oyenzayo maze ugcine umphefumlo wam”? (2)

15.12 Siganeko sini esenzeke emva koku? (2)

15.13 Ucinga ukuba uThobeka ungumntu onjani ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.14 Ncoma okanye ugxeke isiphelo sale Drama. (2)
**[25]**



Hosted by www.ecexams.co.za.

## UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### INDLAL'INAMANYALA – M LAMATI

Kungenxa kabani na ukuba kude kube nje?

Phendula lo mbuzo ngokutyhila umlinganiswa ongunobangela wesiphumo sokubanjwa kukaMamQhinebe noMaGatyeni. Gxila ngakumbi kwizenzo zabo ezikhokelele ekubanjweni kwabo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE

### INDLAL'INAMANYALA – M LAMATI

Funda ezi zicatshulwa zedrama zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA K

| | |
|---|---|
| MAMQHINEBE: | MaGatyeni uyandijoyina kule nto okanye akundijoyini? Ndifuna uhayi okanye no-ewe qha. |
| MAGATYENI: | E..e..e..hayi ... ewe, ngendiba ndiyavuma Qhinebe, kodwa **intliziyo yam yona iyarhuqeka.** |
| MAMQHINEBE: | Kungcono xa irhuqeka isiya. |
| MAGATYENI: | Hayi iyarhuqeka yona kakuhle, andifuni kuxoka iyarhuqeka. |
| MAMQHINEBE: | Kodwa ke kufuneka uqaphele ukuba kufuneka isibindi kulo msebenzi. |
| MAGATYENI: | Yile nto ndiyisweleyo kanye ke leyo mna Qhinebe, eso sibindi uthetha ngaso. Imali kaloku Gatyeni, asiyoyamabhetyebhetye. |
| MAMQHINEBE: | Uyandiphulaphula kodwa Gatyeni? |
| MAGATYENI: | Ngendiba ndiyakuva kona Qhinebe, kodwa ke ... |
| MAMQHINEBE: | Kuza kufuneka siqalise ngomso lo usayo ke, <u>singabi saphozisa maseko</u>. |
| MAGATYENI: | O! Sekuqalwa kwangomso na? |
| MAMQHINEBE: | Sekuqalwa kwangomso ntomb'enkulu. Ndisemkile (*Aphume uMamQhinebe)* |



Hosted by www.ecexams.co.za.

MAGATYENI: *(Ethetha yedwa)* Kwowu! Kazi isingisa phi na le ndlela andiqweqwedisela kuyo lo mfazi Bawo onamandla onke? Uze undikhumbule Bawo xa ndiza kuhamba indlela endingazanga ndayiphupha nokuyiphupha aph'ebomini bam. Namhlanje ndiyalingwa Bawo. Usathana uze ehamba ngeenyawo zombini endlwini yam, wandiqweqwedisela kwantshabalalo, nam ndamvumela. Kodwa, kodwa Nkos'enofefe ndithembe amandla akho. Ndiyazi ukuba kungamandla akho endiya kuthi ndizibone ndiphuncukile kulo mgibe kamtyholi. *(Afixize)* Bawo ndihlangule. Wena wabakho zingekabikho iinduli neentaba. Awuxakwa nto wena gxalaba libanzi lokuthwala izono zehlabathi. Ndihlangule Nkosi naku ndisoyela kulo mhadi ubunzulu bungenakuqikeleleka. Ndihlangule ndiyeyela kulo Mgxobhozo kaMamQhinebe umanzi abilayo. UNAMANYALA kambe nawe NDLALANDINI!

*(Aphume)*

17.1 Xela ukuba yintoni le afuna ukujoyinwa kuyo ngenkani uMamQhinebe. (1)

17.2 Phawula ngala mazwi abhalwe ngqindilili. (2)

17.3 Tyhila intsingiselo yesaci esikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wesicatshulwa. (2)

17.4 Bonisa izizathu ezibini ezibangela ukuba uMamQhinebe athathe isigqibo sokuwenza lo msebenzi afuna ukuncediswa kuwo nguMaGatyeni. (2)

17.5 Ngqina ukuba le ntetho luphawu loPHUPHELO kweli bali,

"Usathana uze ehamba ngeenyawo zombini endlwini yam, wandiqweqwedisela kwantshabalalo ... (2)

17.6 Chaza ukuba likweliphi inqanaba ibali ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Hosted by www.ecexams.co.za.

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| SIQHIWU: | (*Efunda iphepha*) Yaza yabuhlungu ke le nto yehlele aba bantu bakwafrosi,Yhini madoda! |
| MAMQHINEBE: | Kutheni na Siqhiwu? Ushiywa ziingqondo ngoku, wathetha wedwa? |
| SIQHIWU: | Hayi, akukho kwangqondo zindishiyayo mama, koko nje ndothuswa yile nto ibhalwe kweli phepha. |
| MAMQHINEBE: | Khawufunde wethu nam ndive le nto ikothusa kangangokuba kude kucace ukuba uza kushiywa ziingqondo. |
| SIQHIWU: | Yima ke ndikufundele. Utshw'endodeni. *(Efunda)* EMTATA. (*KwaDosi)* "Usapho lwakwaMagade lwehlelwe sisimbadlakanya somphanga wokubelwa usana obelukukuphela komntwana walo. Ethetha eyengezelisa, uNkosikazi Noziphongo Magade uthe, olu sana beluvekinye kuphela luzelwe. Uqhube wathi, kumtshato wakhe nomyeni wakhe, uMnumzana Makwedini Magade, bebeqala ukufumana umntwana emva kweminyaka engama-20 betshatile. Eyona nto ayithethe yabuhlungu nangaphezulu uNksk. Magade, yeyokuba oogqirha ngethuba lokubeleka kwakhe olu sana lubiweyo, bamxelela ukuba akasayi kuze aphinde ambone umntwana ku ...' |
| MAMQHINEBE: | (*Ngomsindo)* Siqhiwu! |
| SIQHIWU: | (*Othukile)* Mama! |
| MAMQHINEBE: | Phuma nelo phetshana lakho limdakanyana kule yam indlu! Phuma! |
| SIQHIWU: | Awu! Kutheni na mama? |
| MAMQHINEBE: | Ndithe phuma nelo phetshanyana lakho! Kunjalo nje andifuni nokuphinda ndilibone apha kwam! |
| SIQHIWU: | *(Aphume, ehamba ethetha yedwa*) Siyandimangalisa ke esi senzo sikamama namhlanje. Yintoni le imcaphukisayo kweli nqaku? |
| SIPHOKAZI: | Kutheni na Meli wathetha wedwa? Iintsuku sezihambile olo hlobo na? |
| SIQHIWU: | Hayi Meli, ndothuswa ngumama aph'endlwini. Indlela andiheshe ngayo xa ndimfundela eli nqaku lwalo mntwana wakwaDosi ubiweyo. |

17.7 Cacisa ukuba yiyiphi le ntlungu yakwafrosi athetha ngayo uSiqhiwu kwesi sicatshulwa. (1)

17.8 Bonisa ngezinto EZIMBINI ezikwisicatshulwa ezintama ukuba uMaMqhinebe uyabandakanyeka ekubiweni kolu sana lakwaDosi. (2)

17.9 Nika intsingiselo yala mazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

17.10 Ngqina ukuba uzobo olusetyenziswe ngumbhali kwesi sicatshulwa ngomlinganiswa onguMamQhinebe LUMAYANA. Xhasa impendulo yakho. (1)



Hosted by www.ecexams.co.za.

17.11 Sizathu sini esibangela ukuba uMamQhinebe angonwabi xa kuthethwa ngosana olubiweyo? (2)

17.12 Siganeko sini esenzeke emva koku? (2)

17.13 Ucinga ukuba uMamQhinebe ungumntu onjani ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.14 Ncoma okanye ugxeke isiphelo sale drama. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Hosted by www.ecexams.co.za.